# Vumani ! Siyavuma ! !

## U-Yoshuwa 24 : 20.

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

XA NITE NAMSHIYA U YEHOVA ; NAKONZA OTIXO BOLUNYE UHLANGA ; WOJIKA, ANENZELE OKUBI : SIYAVUMA :

Nanko u Yoshuwa esixelela
Masiyeke izitixo sotshabalala
Sadlala ngo Tixo wetu kube lungu
Namhla izwe letu yinqu yeshologu

Siyavuma !

Hai usizi kwizwe lenu Nontsizi
Ezinto wena sisibanga intsizi
Zisikumbuza imihla yemigqweto
Eyayambatwa ngo bawo o Mgqweto

Vumani !

Makabhange amasiko ezolo
Izitixo zawo zikupa umxelo
Ngenxa yawo asizazi nenqu zetu
Kwane nkosi zetu konke kwati qutu

Siyavuma !

Namhlanje ubuninzi baba ntsundu
Bahlukana namasiko aba ntsundu.
Bagalel' emzini atshona awabo
Mhla kwakushushu ilanga lehlobo

Siyavuma !

Yabonani makowetu sibadala
Nenyaniso yasiposa kwakudala
Makowetu sisamelwe kukutyalwa
Ze kuvele ubu Hlanga sakulinywa

Siyavuma !

Vumani belusi benkomo zo Sandile
Nezo Mshweshwe no Langalibalele
Minga ete ukuwa yabhukuqeka
Lapum' ilanga landicingis' u Tshaka.

Taru Afrika zwe lombango-mbuso
Zincinane nendaba eziyinyaniso
Xa ndilapo imbongi ke zinocuku
Kunokuyeka ukozo lungadl' inkuku.

Nani niyayazi into ekuyiyo
Nabo nobuxoki enibubonayo
Masivumise ke nasezazulwini.
Zabafa apa nabafel'emanzini.

Nanko no Yoshuwa esixelela
Masiyeke izitixo sotshabalala
Api amasiko ase luhlangeni
Sasivele nawo kwase mandulweni.

Vumani madoda ! Taruni Zintombi
Makazix'ome ngani ova intwembi
Awu sagqutyelwa ngumququ we sanda.
Salahla namasiko sahamba sisenda.

Make sikumbule imihla yo bawo
Siwabandeze lamanxiwa ka Tshiwo
Bona babenyuka nase matambekeni
Njengayo imihlambi yase Herimoni.

Emva ke makowetu sibonele
Zipum' izilo zonke zigcakamele
Vumani ewe ngenyani "Siyavuma"
Kuwe Mngxolisi we Zulu lidudumu

Vumani ! Bo !